higher education & training

Department:
Higher Education and Training
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

MARKING GUIDELINE

NATIONAL CERTIFICATE (VOCATIONAL)

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA ELONGEZELELWEYO

(Iphepha lokuqala)

NQF LEVEL 4

19 November 2020

Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepa asi-8.

IMIYALELO KOOTITSHALA

1. Korekisha yonke imibuzo.
2. Landela iimpendulo ngendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.
3. Sebenzisa i-inki ebomvu kuphela.
4. Korekisha ngokucocekileyo nangokucacileyo

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

1.1 Umdlalo lunxibelelwano phakathi kwabantwana okanye abantu abathile, apho bazilolonga ngeendlela ezahlukileyo. Abantwana badla ngokuzonwanisa ngokudlala. (2)

1.2 Undize/ukubumba iinkomo zomdongwe/unochebe/unqaphela sikhule/ugqaphu.
(Naziphi ezimbini kwezi.) (2)

1.3 Baxhobiseka kunxibelelano, ukuthetha, ukuncedana, kwanezinye izinto ezakha umntu. (2)

1.4 Ukudlala kudlala indima enkulu ukwakha umzimba kwanokuwugcina usempilweni. (1)

1.5 Abuyile amasoka asebenza eGoli anxibe iimpahla ezi mbeje-mbeje.
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile.) (2)

1.6. "... baya kudlala babe zintshatsheli ezihlawulwayo." (1)

1.7 Unoxanduva lokuba uzilondoloze, utye ukutya okusempilweni, usele amanzi amaninzi uzilolonge ngalo lonke ixesha. (2)

1.8 Wakha umdlali emkhuthazela ukhuphiswano emkhuthaza kwindlela yokuziphatha nesimilo emxhasa ngamaxesha onke. (3)

1.9 Ngokuba utye ukutya okunezakha mzimba, uzilolonge ungasebenzisi iziyobisi uhlale nabantu abakwakhayo nabakucebisayo. (2)

1.10 Bazikhupha esitratweni nakwigenge ezenza ubugebenga./ Ababinaxesha lokusebenzisa iziyobisi./ Ababi nalo ixesha lokophula umthetho.
(Naziphi ezimbini ezichanekileyo.) (2)

1.11 UMzantsi Afrika wawukwayiwe ulikheswa ngeminyaka yocalu-calulo./Abantu babengenalwazi luphangaleleyo ngezemidlalo.
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile.) (2)

1.12 Ikheswa-ilolo. (2)

1.13 B/Makubekho uxolo nemvisiswano. (2)

1.14 IDemokhrasi–yinkululeko okanye ngumakulinganwe. (2)

1.15 Inkqubo yedemokhrasi ikhuthaza umasilingane kuba xa kunamhlanje zonke iikhowudi zemidlalo kweli, zikhuphisana nezinye zamazwe ngokukhululekileyo. (2)

1.16 Liqonga lemidlalo ye-Olimpiki. (2)

1.17 Zemedali nemali / netikana eziyikhaphayo. (2)

1.18 Yinyani, kuba xa umntu edlala akameli yena kuphela umela nelizwe lakhe. (2)

1.19 Ibangela ukuba esoloko exatyisiwe ngabemi, ebekeke kwinqanaba lezihandiba nezitatanyiswa. (2)

1.20 Kukuvuleka kwamathuba nakwimidlalo, kwanokunikwa kwabo bagogeke amalungu omzimba ithuba lokuzibonakalisa. (2)

1.21 Kuphuhliswa italente yolutsha, ulutsha luthatha inxaxheba kwezemidlalo.Imidlalo yathathelwa ingqalelo , waxatyiswa uMzantsi Afrika. (2)

1.22 Ngumdlali ozixabisileyo oyaziyo into indlela aziphethe ngayo ichaphazela nabanye abantu aba ngabemi.
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile.) (2)

1.23 Imidlalo yavuleleka kwabaNtsundu nakwabasetyhini. (2)

1.24 Ziphuhlisa ezoqoqosho nezokhenketho.
(Nayiphi impendulo echanekileyo myamkelekile.) (2)

1.25 Ewe abadlali boMzantsi Afrika bakwizinga elinye naabo balo mazwe. Ngo-2019 uphumelele indebe yehlabathi kumbhoxo.
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile.) (2)

1.26 Isoka/intenetya/mnyazi/umbhoxo/amangqidi
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile.) (1)
[50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: USHWANKATHELO

UMBUZO 2

Ukumakisha ushwankathelo

Ukumakisha isishwankathelo kusekwe ekugqaleni iingongoma ezingundoqo.

Ushwankathelo malumakishwe ngolu hlobo:

- Ulwabiwo manqaku

Amanqaku ali-14 ngeengongoma ezisi-7. (Amanqaku amabini ngengongoma nganye)

Amanqaku ama-6 olwimi.

Amanqaku ewonke:20

- **Ulwabiwo manqaku xa umfundi engacaphulanga ngqo.**

1-3 iingongoma ezichanekileyo. Nika amanqaku ama-2

4-5 iingongoma ezichanekileyo. Nika amanqaku ama-4

6-7 iingongoma ezichanekileyo. Nika amanqaku ama-6

- **Ulwabiwo manqaku xa umfundi ecaphule ngqo.**

6-7 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanganikwa NALINYE inqaku kwawolwimi.

1-5 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanikwe inqaku lowimi LIBE LINYE.

QAPHELA

- **Ubalo magama:**

Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise ukuba alidlulanga kuma-75 inani lamagama asetyenzisiweyo.

Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.

Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ugqibezele isivakalisi eso inani lamagama eliqingqiweyo liphela kuso ungayihoyi intsalela yesishwankathelo sakhe.

AMANQAKU ECANDELO B: 20

ICANDELO C: OKUBONWAYO

UMBUZO 3: ISIBHENGEZO-NTENGISO

3.1 Kuthengiswa imveliso zesikhumba neenwele zabantwana zakwaTLC (1)

3.2 Kukuloba abathengi. / Kufunwa abathengi babone imveliso ezingakhusela abantwana babo. /Kutsalwa umdla walowo onomntwana. (2)

3.3 Siphuhlisa into yokuba inwele nesikhumba zibasempilweni xa usebenzisa imveliso zakwaTLC. (1)

3.4 Sijoliswe kubantu abanabantwana. / Kubazali abakhathalela abantwana babo. / Kubantwana abanengxaki yesikhumba nenwele.
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile.) (2)

3.5 Le mveliso inceda isikhumba nenwele zihlale zithambile. (2)

3.6 YeyakwaTLC. (1)

3.7 C/ Sokuloba abathengi (2)

3.8 BONA/TLC Giveaway, P O Box 473014, Parklands,2121 (2)

3.9 INasal Care wipes, kunye neMoist Toilet paper wipes. (2)

3.10 'Zirhabaxa' (2)

3.11 R400 inye. (2)

3.12 Zisebenzisele imveliso yakwaTLC nawe./Eyona mveliso eshiya isikhumba sigudile.
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile.) (2)

3.13 Mna ndingalungelwa ziNasal Care wipes kuba isikhumba sam sinochuku sifuna ukunakekelwa ngalo lonke ixesha.
(Iimpendulo zabafundi ziyakwehluka nayiphi na impendulo esemxholweni yamkelekile) (2)

3.14 "Zisebenzise izithako ezinesondlo sendalo eziqinisekisa isikhumba sihlala sigudile sisempilweni." (2)
[25]

UMBUZO 4: IKHATHUNI

4.1 Ngamapolisa. (2)

4.2 10111. (2)

4.3 Bathe gqaa amehlo./Babambe umzimba./Banyuse amagxa./Bagobe iinyawo.
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile.) (2)

4.4 Baphila kwixesha langoku–baphethe unomyayi, isinxibo sabo sesale mihla ,iinwele zomntu omfutshane zolukwe idredi, umgqala osesandleni ubonisa ubundlobongela.
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile.) (3)

4.5 Ukhangeleka onwabile./Uyahleka. (2)

4.6 Abahlali babambe amapolisa bawafaka evenini.
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile.) (2)

4.7 Kukukhusela abahlali./Kukubamba izaphuli – mthetho/ Kukulwa ubundlobongela nobukrelemnqa.
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile.) (2)

4.8 B/Ulwaphulo mthetho. (2)

4.9 Ndingasebenzisa izakhono endinazo nezinto endizifundisiweyo.
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile.) (2)

4.10 Hayi. Amapolisa kufuneka ahlale ethe qwa maxesha onke, umsebenzi wawo kukubamba abo baphula umthetho.
(Nayiphi na impendulo echanekileyo yamkelekile.) (2)

4.11 Bendizakuwakhulula emsebenzini.
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile.) (2)

4.12 Kukubonisa ukuba akukho namnye unelungelo lokwaphula umthetho. (2)
[25]

AMANQAKU ECANDELO C: 50

ICANDELO D

UMBUZO 5: IPROZI

5.1 Ukubetha/Ukugweba/Ukuqeqesha ngoswazi. (2)

5.2 Siphuhlisa ubuncinane bento. Isinciphiso. (2)

5.3 Ukuvuyelela kufuneka kungalungiswa ngokukhawuleza. (2)

5.4 Sisetyenziswe njengentloko yesivakalisi./Sisetyenziswe endaweni yesibizo.
(Nayiphi impendulo echanekileyo kwezi.) (1)

5.5 Udidi lwesichazi – sisibaluli. (1)

5.6 Ukwenzela ufumane isicwangciso✓ esilungileyo sokohlwaya.✓ (2)

5.7 Ihlelo 1 – umhlobo.✓ Umhlobo wam uphumelele zonke izifundo zakhe.✓
Ihlelo 8 – izihlobo.✓ Izihlobo zakhe zinobubele kakhulu.✓ (4)

5.8 Ihlelo 4 – Imikhwa / Impucuko ✓
Ihlelo 11–Usapho.✓ (2)

5.9 Wokuzitshabalalisa/Wokuzibulala. (2)

5.10 ‘Esitsho singe✓ singathi vuleka mhlaba singene.✓ (2)

5.11

ICEBA	ISISEKELO	INGCAMBU	ISIMAMVA
A-✓	-ba-✓	-zal-✓	-i✓
l-✓	-n-✓	-dlel-✓	-a✓
l-✓	-si-✓	-zath-✓	-u✓

(12)

5.12 B/Isimelabizo sokukhomba. (2)

5.13 Sisivumelanisi sesiphawuli. (2)

5.14 ‘Embi’ bi–isiphawuli. (2)

5.15 C/Butywala (2)
[40]

UMBUZO 6:UKUSETYENZISWA KOLWIMI NGOKUCHANEKILEYO

6.1 Xa uvuka, yonke imihla kufuneka uhlambe idlanza✓ zakho kunye namazinyo. (2)

6.2 Isimnini. (1)

6.3 a) Isifo-isi✓-ihlelo 7✓
(b) Umntu-um✓-ihlelo 1✓
(c) Iimpahla✓-iim✓- ihlelo 10✓
(d) Iipilisi- ii✓- ihlelo 10✓ (8)

6.4 Andigulanga kakhulu kulo nyaka ophelileyo ndade andaya kwagqirha. (2)

6.5 6.5.1 Sisandiso/ubukhulu bento.

6.5.2 Ibonisa isenzo esenzeka calanye.

6.5.3 Isixando sokwenzela.

(3 × 2) (6)

6.6 Umfazi. (2)

6.7 Tuberculosis. (2)

6.8 Emva kwesimelabizo sokukhomba./Emva kwesikhombisi okanye salathisi. (2)

6.9 Bayekile. (2)

6.10 Iyeza. (2)

6.11 Umguli uthe wayebila kakhulu ebusuku ade abe manzi toxo kwaye wayebhitye engumcinga. (2)

6.12 Nzima. (2)

6.13 Ubusuku obungenanyanga.
(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile.) (2)

6.14 Isimelabizo soquko. (2)

6.15 Imvelaphi yesi sifo ayichaneki ncam kodwa oogqirha bazama amatyeli amaninzi ukusilwa. (3)
[40]

AMANQAKU ECANDELO D: 80
AMANQAKU EWONKE: 200